URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
IZiko leeFoni
ICandelo leeNkonzo zeZiko
0861 819 919

Inombolo yefayili: 3/3/1/1/3
Isalathiso: 20220330-1167

ISetyhula: 0017/2022
Umhla wokuphelelwa: 30 Septemba 2022

Iya: KumaSekela Balawuli Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, nakwiiNqununu

Isishwankathelo esifutshane: *IPhulo i-Presidential Youth Employment Initiative – Isikhokelo sezemali.*

ISihloko: I-*Presidential Youth Employment Initiative (PYEI): Phase III* – Isikhokelo sezemali

1. Le mbalelwano mayifundwe neSetyhula 0012/2022 kwi-*PYEI Phase III project*, yomhla we-18 Matshi 2022.

2. **I-*Data Management System***
ISebe leMfundo esiSiseko liyaqhubeka ekuzibopheleleni kwalo kwi-*Data Management System (DMS)* eyenziwa ngokubambisana ne-*Bhelela Technologies*. I-*DMS* yisistim esebenza ngekhompyutha (*cloud-based*) yaye iya kusebenza njengejelo lonxibelelwano elingundoqo phakathi kwezikolo, izithili, noNdlunkulu kuyo yonke imicimbi yezemali.

3. Izikolo kwakhona kufuneka zisingathe izicelo zabagqatwa abaphumeleleyo (abancedisi bezemfundo nabancedisi besikolo jikelele) kwi-*PYEI DMS*. Yona iya kuba nguvimba wedatha ongundoqo wezemali ze-*PYEI* eyabelwe izikolo.

4. Kucelwa niqaphele ezi ngongoma zilapha ngezantsi kufuneka ziqwalaselwe xa kufakwa idatha kwi-*DMS*:
   (i) Imihla yokuqala neyokuphela kwemvumelwano zabancedisi mayibe ngethuba leprojekthi njengoko kuchaziwe **kumhlathi 5.**
   (ii) Imihla yokupheliswa kwemvumelwano mayifakwe *(captured)* njengomhla imvumelwano yomncedisi eyapheliswa ngawo okanye umhla owalahla ngawo emsebenzini. **(Makufundwe umhlathi 15)**

(iii) linombolo zesazisi (*identity document (ID)*)/zepasipothi mazifakwe ngokuchanekileyo kwi-*DMS* njengoko ziyindlela ekhethekileyo yokuzichaza kwabancedisi.

iv) Ipeyiroli mayifakwe kwikhompyutha yaye ivunywe **kwiveki** ngaphambi kwemihla yeentlawulo ezenziwa ngoomatshini njengoko kucacisiwe **kumhlathi 11**.

v) Amagosa ezithili amele ukwazisa ikomiti yezemali ngabo naphi na abancedisi abasanda kuqeshwa phakathi enyangeni.

5. Kukhunjuzwa izikolo ukuba zonke iimvumelwano zeSigaba II se-PYEI ziphele ngowe-31 Matshi 2022. Imvumelwano entsha mayinikwe abancedisi beSigaba III abaya kuqala ngowe- 01 Apreli 2022 yaye bayeke ngowe-30 Septemba 2022.

6. **Isitayiphendi esihlawulwayo**

Isitayiphendi esiya kuhlawulwa kubo bonke abancedisi bezemfundo nabancedisi bezikolo jikelele kwiSigaba III se-PYEI siya kuba yi-**R4 081,44** ngenyanga (nesingqinelaniswe nomvuzo ongowona usezantsi ngokomthetho omiselweyo), esiqala ngowe-01 Apreli 2022 yaye siphele ngowe-30 Septemba 2022. Ukongeza koku, iprojekthi iya kubonelela ngepesenti enye yentlawulo yomqeshi (*one percent employer contribution*), eya kuba yinxalenye yentlawulo eyenziwa ngomatshini eya kwisikolo sakho.

7. Intlawulo nganye eyenziwa ngomatshini ngenyanga yomncedisi kwisikolo sakho iya kuba yile ilandelayo:

Isitayiphendi esisiseko	R 4 081,44
+Intlawulo yomqeshwa kwi-UIF	R 40,81
=Isitayiphendi ekungaxhuzulwanga nto kuso esihlawulwayo	**R 4 122,25 ngenyanga**

8. **I-*Unemployment Insurance Fund (UIF)***

Izikolo kufuneka ngokomthetho ukuba zibhalise kwi-*Unemployment Insurance Fund (UIF)* yaye zenze iintlawulo kwingxowa-mali yabancedisi abaqeshwe sisikolo. Izikolo zingalandela le linki ilandelayo ukuba kufuneka uncedo malunga nendlela yokubhalisa kwi-UIF, ukuba zona bezingekakwenzi oko: http://www.labour.gov.za/uif_how_toregister-with-the-uif.

9. UMthetho i-*Unemployment Insurance Act, 2001 (Act 63 of 2001)* kunye ne-*Unemployment Insurance Contributions Act, 2002 (Act 4 of 2002*) isebenza kuzo zonke izikolo (ukwenzela injongo yale projekthi ezithathwa njengomqeshi) nakubancedisi. Zonke izikolo KUFUNEKA zihlawule isixa sentlawulo se-unemployment insurance ye-2% yexabiso lentlawulo yomncedisi ngamnye ngenyanga. *Isikolo kunye nomncedisi ngamnye banegalelo lentlawulo ye-1%.* Isikolo (njengomqeshi) sinoxanduva lokuhlawula i-1% esiyitsalayo kubancedisi, kunye ne-1% njengoko ibonelelwe ngenkxaso-mali yeprojekthi yesahlulo somqeshi, kwi-*UIF* phambi komhla wesi-7 wenyanga nganye.

10. Apha ngezantsi kukho inkcazo yokwahlulwa kwemivuzo yabancedisi ukubonisa iimfuno ezimiselweyo ze-UIF. Umqeshwa ngamnye ke ngoko uya kufumana ingeniso ye-**R4 040,63** eyenziwe koku kulandelayo:

Isitayiphendi esisiseko	R 4 081,44
Intlawulo yoMqeshi eya kwi-UIF	R 40,81
Isitayiphendi kungekatsalwa nto	**R 4 122,25** (intlawulo eya kwisikolo sakho)
2% etsalelwa i-UIF	(R81,62)
1% intlawulo **yomqeshi**	(R40,81)
1% intlawulo **yomqeshwa**	(R40,81)
Isitayiphendi osifumanayo	**R 4 040,63**

ehlawulwa kwi-UIF qho ngenyanga

11. **Iintlawulo ezenziwa ngoomatshini zesitayiphendi eziya kwisikolo sakho**
Iimali zesitayiphendi ziya kuhlawulwa qho ngenyanga kwisikolo sakho kusetyenziswa iintlawulo ezenziwa ngomatshini yaye ziya kufumaneka kwii-akhawunti zebhanki zezikolo ngaphambi kosuku lokugqibela kwinyanga yekhalenda nganye. Ishedyuli ecetywayo yentlawulo eyenziwa ngomatshini yile ilandelayo:

Intlawulo eyenziwa ngomatshini	**Umhla wentlawulo yeSebe iWCED**	**Umhla wokwenziwa kwentlawulo kwi-akhawunti yebhanki yesikolo**
Isitayiphendi sango-Apreli 2022	22 Apreli 2022	28 Apreli 2022
Isitayiphendi sangoMeyi 2022	20 Meyi 2022	25 Meyi 2022
Isitayiphendi sangoJuni 2022	24 Juni 2022	29 Juni 2022
Isitayiphendi sangoJulayi 2022	22 Julayi 2022	27 Julayi 2022
Isitayiphendi sango-Agasti 2022	26 Agasti 2022	31 Agasti 2022
Isitayiphendi sangoSeptemba 2022	23 Septemba 2022	28 Septemba 2022

12. **Iintlawulo ezenziwa ngoomatshini ukulungiselela ezinye iinjongo ezimalunga nale projekthi eziya kwisikolo sakho**
Iintlawulo ezenziwa ngoomatshini ezongezeleweyo zinokwenziwa kwisikolo sakho ukulungiselela ezinye iinjongo ngethuba lokuqhutywa kweprojekthi, ezifana nee-*data cards* eziza kuthengelwa abancedisi.

13. Abancedisi baya kufumana i-R30,00 iinyanga ezintathu kuphela (Apreli, Meyi noJuni 2022), ukunxibelelana nabezoqeqesho nokugqiba iimvavanyo emva kweyure zesikolo. Esi sibonelelo sinokuhlawulwa kubancedisi kunye nestayiphendi sabo saqho ngenyanga.

14. Makuqinisekiswe ukuba bonke abancedisi bayakuvuma ukusifumana nasiphi na isibonelelo esisodwa sakanye qwaba. Ikhontrolishithi elolu hlobo (*control sheet)* imele ukuxela injongo yesibonelelo sakanye qwaba, iinkcukacha zomncedisi ngamnye (igama, ifani, inombolo yesazisi (ID)) kunye nesignitsha njengobungqina bokuvuma ukufunyanwa kwesibonelelo. Inqununu imele ukuyisayinela ikhontrolishithi njengobungqina bokugunyaziswa kwentlawulo bokugqibela bokwenziwa kweentlawulo zabancedisi.

15. **Iintlawulo zesitayiphendi ii-*Pro-rata stipend payments***
Kubalulekile ukuqaphela ukuba nawuphi na umncedisi oqala enyangeni okanye olahlayo emsebenzini ngethuba lenyanga, ufanele ukufumana kuphela isitayiphendi esingumlinganiselo welo thuba alisebenzileyo i-*pro-rate stipend payment*. I-ofisi yale projekthi iya kuphononongа idatha yokuqeshwa nokulahla emsebenzini kwabancedisi njengoko ifakwa qho ngenyanga kwi-*DMS*. Kubalulekile ukuba izikolo zifake imihla yokuqeshwa neyokulahla emsebenzini kwabancedisi ngokuchanekileyo nangexesha. Iinkqubo zeentlawulo zesitayiphendi zezikolo zisuselwa ungadlulanga umhla wokuqeshwa nokulahla emsebenzini ngokungqongqo njengoko ufakiwe kwikhompyutha zizikolo kwi-DMS.

16. Zonke iintlawulo ezingumlinganiselo welo thuba umqeshwa alisebenzileyo (*pro-rata payments)* zihlawulelwa iintsuku zekhalenda yaye ingezizo iintsuku zesikolo. Umzekelo: umncedisi olahlayo emsebenzini ngoLwesihlanu, nge-22 Julayi 2022, uya kufumana intlawulo engumlinganiselo welo thuba alisebenzileyo (*pro rata payment)* ngoJulayi ngeentsuku zekhalenda eziyi-22 (01 Julayi – 22 Julayi 2022). Umncedisi onemvumelwano eqala ngoLwesine we-18 Agasti 2022, uya kufumana intlawulo eyi-*pro rata payment* ngo-Agasti yeentsuku zekhalenda eziyi-14 (18 Agasti – 31 Agasti 2022).

17. Zonke iintlawulo ezingumlinganiselo welo thuba lisetyenziweyo (*pro rata payments*) ziya kwenziwa ngomjikelo wokuqala ofumanekayo weentlawulo ezikhutshelwe isikolo sakho (makufundwe ingongoma 11 ngentla ukufumana imihla yeentlawulo ecwangcisiweyo). Izikolo zithwele uxanduva lokusebenzisa ezi ntlawulo zingumlinganiselo welo thuba lisetyenziweyo xa zihlawula abancedisi.

18. Iireyithi zentlawulo ezingumlinganiselo welo thuba lisetyenziweyo emazisetyenziswe ziboniswe apha ngezantsi:
Iintlawulo ezihlawulwa ngoomatshini ezivela kwiSebe i-WCED eziya ezikolweni zenziwe ngolu hlobo lulandelayo:

Ngenyanga	**Yonke imihla**	**Inkcazo**
R4 081,44.	R134,18.	Isitayiphendi somncedisi esihlawulwa kwisikolo
R 40,81	R 1,34	Intlawulo yoMqeshi eya kwi-UIF enikwa isikolo
R4 122,25.	**R135,52.**	**Isitayiphendi sisonke esihlawulwa kwisikolo**

Iintlawulo zestayiphendi eziya kubancedisi zahlulwa ngolu hlobo lulandelayo:

Ngenyanga	**Yonke imihla**	**Inkcazo**
R4040,63	R132,84	Isitayiphendi esihlawulwa kumncedisi (Isixa emva kwetsaliweyo ye-UIF)
R40,81	R1,34	Intlawulo yoMqeshwa ye-UIF (exhuzulwa kwisitayiphendi somncedisi)
R40,81	R 1,34	Intlawulo yoMqeshi eya kwi-UIF njengoko ihlawulwa kwisikolo
R4 122,25.	**R135,52.**	**Isitayiphendi sisonke esihlawulwa kwisikolo**

19. Isikolo simele ukuqinisekisa ukuba siyazitsala iimali eziyimfuneko kwiintlawulo ezingumlinganiselo welo thuba lisetyenziweyo ngokunjalo njengoko kucacisiwe apha ngentla ukwenzela abancedisi abangekhoyo nokuba ngabaphi na abarekhodiweyo esikolweni (umzekelo ikhefu elingahlawulelwayo), ezingqinelaniswe neemeko zenkonzo yengqesho njengoko zimiselwe kwimvumelwano yezengqesho. Oku kungabikho emsebenzini komncedisi kumele ukufakwa kwirejista yokuhamba isikolo yemihla ngemihla (*daily attendance register*) kwi-*DMS Attendance Module*. Kucelwa niqaphele ukuba ukuxhuzulwa kweentlawulo zokungabikho komncedisi esikolweni akwenziwa ngakwintlawulo zesitayiphendi ii-*stipend transfer payment* eziya kwizikolo liSebe iWCED, njengoko ingcaciso iya kufumaneka kuphela kwi-*school domain*.

20. Nayiphi na intlawulo engaphezu kwemfuneko (*over-payments*) okanye iimali ezigcinwe sisikolo zimele ukubuyiselwa kwiSebe iWCED zingadlulanga iintsuku ezisixhenxe emva kwempela-nyanga nganye. Kucelwa kuthunyelwe nge-imeyili (umzekelo njengoko kuchaziwe kumhlathi 19 ngentla) ubungqina bentlawulo kwi-ofisi yeprojekthi.

    linkcukacha zokubhankisha zezi ntlawulo zezi zilandelayo:
    Account name: Western Cape Education Department
    Account no.: 1452 045 089
    Universal code: 19 87 65 (Nedbank South Africa)
    Branch name: Corporate Cape
    Type of account: Current
    Reference to use: "school EMIS no." PYEI 3 (Example: 100000400 PYEI 3)

21. Kukhunjuzwa izikolo kwakhona ukuba zizigcine zonke iirekhodi zezemali eziyimfuneko ukulungiselela iinjongo zokuphicothwa kweencwadi.

22. Iya kupapashelwa zonke izikolo imbalelwano engaphezulu emalunga nezemali njengoko kuyimfuneko, neya kunika iingcaciso neengcebiso ngalo lonke ithuba lokuqhuba kweprojekthi.

23. Okuqhotyoshelwe kule setyhula yi-*Memorandum of Understanding for Phase III* **(*Annexure A*)**, emakungenwe kuyo phakathi kweSebe i-WCED nesikolo ngasinye yaze yasayinwa sisikolo, nemayibuyiselwe kwi-ofisi yesithili ungadlulanga owe-**14 Apreli 2022** ukwenzela ukuvumela nayiphi na imali ye-*PYEI* evunyiweyo ukuba ikhutshelwe nasiphi na isikolo.

ISAYINWE: NGU-B WALTERS
INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2022-04-07